Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS

Ibanga lesi-3



Izakhono zoBomi ngesiXHOSA

Incwadi yesi-2
Ikota 3&4



Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISBN 978-1-4315-0287-5
9 781431 502875

Rainbow WORKBOOKS

LIFE SKILLS IN ISIXHOSA
GRADE 3 – BOOK 2
TERMS 3 & 4
ISBN 978-1-4315-0287-5

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.

11th Edition

Workbooks available in this series:

- Grade R (in all official Languages);
- Literacy/Home Language Grades 1 to 6 (in all 11 official Languages);
- Mathematics Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages);
- Mathematics Grades 4 to 9 (in Afrikaans and English);
- Life Skills Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages); and
- Grades 1 to 6 English First Additional Language.

Gr3-XHO LS-B2_Cover.indd 1 2020/07/30 09:15:50

Iziqulatho

Ikota yesi-3		Iphepha
33	Iindawo zokudlala eziyingozi (1)	2
34	Iindawo zokudlala eziyingozi (2)	4
35	Ukhuseleko ezitekisini nakoololiwe	6
	Imiqondiso esilumkisa engozini	7
36	Ungcoliseko: Yintoni?	8
37	Iindidi ezahlukeneyo zongcoliseko	10
38	Iziphumo zongcoliseko	12
	Okunye ngongcoliseko	13
39	Indlela ababephila ngayo abantu kudala	14
40	Abantu bakudala	16
41	Kwakumnandi ukuba ngumntwana ngezo mini?	18
42	Izixhobo zokusebenza	20
43	Okunye ngobomi bakudala	22
44	Ukuhlawulela izinto	24
45	Umhlaba xa ujongwe emajukujukwini	26
	Iiplanethi nezinye ezikwisixokolelwano	27
46	Iinkwenkwezi	28
	Iithelesikophu	29
47	Utyelelo emajukujukwini	30
	Iisathelayithi	31
48	Iintsuku ezibalulekileyo	32

Ikota yesi-4		Iphepha
49	Izityalo – izinto esizifumana kuzo	34
50	Izityalo – Ukusuka kwizele ukuya eswekileni	36
51	Umhlaba – usinika ntoni	38
52	Umhlaba – ukusuka kudongwe ukuya kwisitena	40
53	Iintlekele nesifanele ukukwenza: izikhukula	42
54	Umlilo	44
55	Umbane	46
56	Iziphango nezaqhwithi	48
57	Iinyikima	50
58	Izilwanyana ezisincedayo	52
59	Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iinyosi	54
60	Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iinkukhu	56
61	Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iinkomo	58
62	Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iigusha	60
63	Izilwanyana ezisisebenzelayo: izinja	62
64	Izilwanyana ezisisebenzelayo: iidonki	64











UNksz Angie Motshekga
uMphathiswa
weMfundo esisiSeko



UGqir Reginah Mhaule
uSekela Mphathiswa
weMfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana boMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksz Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo uGqir Reginah Mhaule.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education

Eleventh edition 2021

ISBN 978-1-4315-0287-5

This book may not be sold.

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

Ibanga lesi-3



Izakhono zoBomi

NGESIXHOSA

Incwadi yesi-2



Le ncwadi yeka-:

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 1 2019/10/20 22:13:04

Iindawo zokudlala eziyingozi (1)



Masifunde

Uziva wamkelekile kwiindawo ezikhuselekileyo ezifana negumbi lakho lokufundela. Iindawo ezifana nezi ziindawo ekufuneka uzive ufuna ukubuyela kuzo lonke ixesha. Akukho mntu ufanele ukukonzakalisa okanye akuvise kabuhlungu kuzo.

Indawo kawonke-wonke enokhuseleko yileyo wonke umntu aziva amkelekile kuyo.

Akukho mntu uza kuviswa ubuhlungu okanye onzakaliswe apho. "Ukhuseleko lukawonke-wonke" luthetha ukuba wonke umntu unelungelo lokukhuseleka kwiindawo ezivuleleke kumntu wonke ezifana noololiwe, iitekisi namanxweme olwandle.



Masithethe **Jonga imifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngayo.**

Thetha nomhlobo wakho malunga nokuba kutheni kuyingozi ukudlala kwiindawo ezingakhuselekanga.










XHO LS Gr3 B2_inside.indd 2 2019/10/20 22:13:08

Umhla: .....



Masibhale Umntwana ongasekunene emfanekisweni ngamnye kufuneka akhethe. Mncede ngokuzalisa amaqamza entetho.







Masithethe Thetha eklasini ngale mibuzo.

- Zeziphi izinto ezinokuthi saa etiphini yenkunkuma?
- Kutheni abantwana bethanda ukudlala emabhodlweni ezindlu ezindala?
- Bubomi boobani obubekwa esichengeni xa abantwana bedlala endleleni ephithizelayo?
- Uyingozi njani umbane?
- Yeyiphi imiqondiso esilumkisa ukuba singadlali kumzila kaloliwe?
- Zeziphi iingozi zolwelo olufana nepalafini?



Masibhale Khetha umfanekiso ube mnye kwiphepha lesi-2 kwakhona uze ubhale iimpendulo zale mibuzo.

- Ukuxelela ntoni lo mfanekiso?

_____

- Ungazi njani ukuba akukhuselekanga ukudlala apha?

_____



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 3 2019/10/20 22:13:11

lindawo zokudlala eziyingozi (2)



Masibhale

Jonga imifanekiso.
Ngoku khetha enye yezi nkcazelo ukuze uyibhale ngezantsi komfanekiso ngamnye.

Ipalafini ingadubula ibe ngamadangatye esandleni sendoda.
Umntwana angasweleka ngenxa yokusela ityhefu.
Abantwana bangasweleka ngenxa yokungakwazi ukuphefumla.
Umntwana unokuxhuzulwa ngumbane.
Ungaze usebenzise umbane ecaleni kwamanzi.
Amanzi abilayo kunye nomphunga zinokumbulala umntwana.



Inkcazelo: _____

_____



Inkcazelo: _____

_____



Inkcazelo: _____

_____



Inkcazelo: _____

_____

ITYHEFU



Inkcazelo: _____

_____



Inkcazelo: _____

_____

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 4 2019/10/20 22:13:13

Umhla: .....



Masenze

Zizobe wena nabahlobo bakho nidlala ngokukhuselekileyo epakini. Niza kudlala ngantoni? Cinga ngokuba ningadlala njani ujingi. Qala ngokusebenzisa ipeni yekoki okanye ipenisile wenze imigca yemida yomzobo. Ngoku, faka umbala usebenzise iipasiteli okanye iikhrayoni.



Phuma phandle

Ukuzifudumeza: Shukumisa amalungu ahluka-hluke neyo omzimba wakho ngaxeshanye. Umzekelo, ungajikelezisa izihlahla zakho nesinqe ngaxeshanye okanye ushukumise amagxa namaqatha.



Intshukumo ephambili: Ukuxhathisa

- Hamba ngeenzwane uze uphinde uhambe ngezithende.
- Khasa ngamadolo ubambelele ngezandla.
- Ncekelela uhambe phezulu kwentambo ebekwe phantsi uye phambili uphinde ubuye umva. Linga ukwenza oku ucimele.
- Yima ngezandla, uphinde ume ngentloko.



Zipholise: Yolula iingalo nemilenze ngokucotha.

Ukuba unakho, yenza le nto ngomculo ocothayo nozolileyo.


XHO LS Gr3 B2_inside.indd 5 2019/10/20 22:13:14

Ukhuseleko ezitekisini nakoololiwe



Masenze

Faka iinombolo emifanekisweni ebonisa okwenzeke kuVusi ubonise ulandelelwano oluchanekileyo.











Masithethe

Jonga le mifanekiso kaVusi kwakhona uze uthethe nomhlobo wakho ngayo.

- Ibiyimpazamo kabani eyenze ingozi?
- Ebefanele ukwenza ntoni uVusi nomama wakhe?




Masithethe

Jonga le mifanekiso ilandelayo uze uncokole nomhlobo wakho ngayo. Yintoni engalunganga eyenziwa ngaba bantu?



Masibhale

Bhala isihloko kumfanekiso ngamnye esixela ukuba yintoni engafanelanga ukwenziwa ngaba bakhweli.





XHO LS Gr3 B2_inside.indd 6 2019/10/20 22:13:21

Umhla: .....

Imiqondiso esilumkisa engozini



Masifunde



Imiqondiso yendlela neyesiporo yenzelwe ukhuseleko lwethu.
Eminye imiqondiso isinceda ukuba sikhuseleke. Isilumkisa ngengozi.
Imiqondiso yezilumkiso endleleni isoloko inomgca obomvu oyijikelezileyo.
Ezinye iimpawu zisixelela iindlela emasiziphathe ngayo xa sisendleleni okanye zisinika ulwazi.



Masenze

Ukuphosa izinto ungaphakathi kuloliwe ohambayo kungonzakalisa abantu okanye izilwanyana xa egqitha uloliwe. Yila umqondiso oyalela abantu ukuba bayeke ukuphosa izinto ngefesitile kaloliwe.





Masenze Uze usike uncamathelise umqondiso ochanekileyo kule ingezantsi.









Bonisa utitshala wakho xa ugqibile.











XHO LS Gr3 B2_inside.indd 7 2019/10/20 22:13:26

36

Ungcoliseko: Yintoni?



Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngawo nomhlobo wakho. Ingaba ikhona into esemfanekisweni okhe wayibona kwithuba langaphambili? Zeziphi izinto ezisemfanekisweni ezibonakala zingalunganga okanye zimbi kuwe? Kutheni zikhangeleka zingalunganga?






Masifunde

Yintoni ungcoliseko?

Ungcoliseko lwenzeka xa singcolisa umhlaba wethu. Sibanegalelo lokungcolisa xa sigcina umoya, amanzi nomhlaba zingacocekanga. Ungcoliseko esilwenzayo alusilungelanga kwaye aluzilungelanga nezinye izilwanyana nezityalo. Siyagula, izinto ziyayeka ukukhula kwaye zingade zife. Ngaphezu koko, ungcoliseko lwenza indawo esingqongileyo ibe mbi.



Ungcoliseko lwenzeka xa singcolisa umhlaba wethu. Kuxa singcolisa umoya, amanzi kunye nomhlaba. Umoya, amanzi nelanga zonke ezi zinto zinceda ekucoceni ungcoliseko. Kodwa xa kukho ungcoliseko oluninzi, umhlaba awukwazi ukuzicoca kwakhona.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 8 2019/10/20 22:13:28

Umhla: .....



Masenze **Sebenzani ngokwamaqela ezihlanu.**



Utitshala wakho uza kunika iqela ngalinye isihloko emalisebenze ngaso. Amalungu amane kwiqela ngalinye aza kukhangela imizekelo yongcoliseko kumabala esikolo. Ilungu lesihlanu maligcine ingxelo ngento nganye efunyanwa liqela. Ilungu eliseleyo liza kubhala ze ligcine ingxelo kwitheyibhile ngokwenza uphawu (✓) kwinto nganye efunyenweyo. Nakugqiba ukwenza umsebenzi wenu, utitshala angenza isishwankathelo sezinto enizifumeneyo. Isikolo sakho sisempilweni entle kangakanani?

Ungalibali ukuhlamba izandla zakho emva koku.



Masibhale **Bhala izinto zibe-5 eziyinkunkuma ozifumene emabaleni esikolo.**

1.	
2.	
3.	
4.	
5.	



Yenza uphawu lokukorekisha (✓) ecaleni kwezinto eziyinkunkuma nezinokuhlaziywa ezikuludwe lwakho. Yenza ungxabalaza (✗) ecaleni kwezinto eziyinkunkuma ezikuludwe nezinokwenzakalisa izilwanyana.





Masithethe Yenzani amaqela ezi-7.

Kuza kudlalwa iindima ezahluka-hlukeneyo: ihlabathi, amanzi, umhlaba, umoya, isityalo, isilwanyana nomntu. Abalinganiswa bokuqala abathandathu mabaxelele umntu into eyenziwa lungcoliseko kubo. Umntu makaphendule umdlali ngamnye. Nonke yenzani isigqibo ngento enokwenziwa ngezi ngxaki. Ukuba niziva nizithembile ngendima yenu, ninako ukubonisa iklasi.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 9 2019/10/20 22:13:31

Iindidi ezahlukeneyo zongcoliseko

Masifunde

Ungcoliseko lomoya

Xa singcolisa umoya, singawutyhefa. Singcolisa umoya ngokubasa amalahle amaninzi, idizili, ipetroli, irhasi kunye neenkuni. Umsi esiwufumana kwezi zinto uneegesi ezingenampilo, ezithi zibe semoyeni.



Iimoto, imizi-mveliso kunye nezibaso ezitshiswa ezindlwini zingunobangela wongcoliseko lomoya eKapa.

Umoya nawo ungcoliswa luthuli, yisanti, luthuthu, ngumsi nangumungu. Imithi inceda ngokuthatha igesi enetyhefu emoyeni ize ifake ioksijini endaweni yayo. Ukuba sigawula imithi emininzi kakhulu, igesi enetyhefu ihlala emoyeni ze loo nto yenze ukuba ibe ncinci ioksijini esemoyeni.

Kufuneka siphefumle umoya omtsha ukuze sihlale siphilile. Ukuphefumla umoya onongcoliseko kusinika izifo zomqala nezemiphunga. Kukho iindawo ezithile ehlabathini apho abantu kunyanzeleka ukuba banxibe iimaskhi ebusweni babo xa bephumela phandle, kuba umoya abawuphefumlayo ungcoliseke kakhulu. Ungcoliseko lomoya lukwatshabalalisa umaleko weozoni okhusela ubomi obusemhlabeni kwimitha yelanga enobungozi. Iasidi eninzi emoyeni evela kwimizi-mveliso ingadala imvula eneasidi, nto leyo ebulala izityalo kwaye yonakalisa nezakhiwo.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 10 2019/10/20 22:13:33

Umhla: .....

Ungcoliseko lomhlaba

Ungcoliseko lomhlaba lwenzeka xa kukho iikhemikhali ezininzi emhlabeni. Ungcoliseko lomhlaba lungadalwa yinkunkuma evela kwimizi-mveliso nasemigodini. Inkunkuma evela emakhayeni ethu, ezikolweni, ezibhedlele nasezi-ofisini iyathathwa ize igrunjelwe igalelwe etiphini. Le nkunkuma ingcolisa umhlaba. Ungcoliseko lomhlaba lungatyhefa amanzi esiwaselayo athi wona atyhefe ukutya okutyiwa ngabantu nazizilwanyana.









Ungcoliseko lwamanzi

Ungcoliseko lwamanzi lutyhefa amanzi aphantsi komhlaba namanzi asemilanjeni, emachwebeni nasemadamini. Oku kwenzeka xa umzi-mveliso umpompela amanzi angcolileyo emlanjeni ococekileyo. Oku kuyenzeka naxa imibhobho yelindle ivuzela echibini. Amanzi anongcoliseko anokubagulisa kakhulu abantu aze abulale iintlanzi nezinye izilwanyana. Izityalo ezikufutshane kuloo manzi nazo zingafa.

Ingxolo

Ungcoliseko olwenziwa yingxolo lwenziwa zizithuthi ezikhulu ezifana nezigadla, ukupopoza kweemoto neetekisi, oomatshini bemizi-mveliso, umculo ophezulu, kunye nezixhobo zokwakha ezisetyenziswa kwiziza zokwakha nezokwakha iindlela. Ingxolo eninzi kakhulu inako ukwenza ukuba ube sisithulu.









Utitshala:

Sayina:


Umhla:

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 11 2019/10/20 22:13:38

Iziphumo zongcoliseko



Masithethe Jonga lo mfanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngawo:





Masibhale Ingaba aba bantu nezi zilwanyana bebeya kuthini ngongcoliseko? Gqibezela esi sivakalisi kwiqamza ngalinye lentetho elingezantsi.

"Ungcoliseko alundilungelanga kwaphela kuba …"














Yiza neringi enkulu yokudlala niza kudlala ngayo.



Phuma phandle

Tshintshiselanani nomhlobo wakho ngokuhamba ninqumle le ringi, ngeenyawo kuqala nize nilandele ngezandla.

Yibambeni iringi ime ngeli xesha umhlobo wakho akhasa aphumele kuyo. Tshintshiselanani. Kekelisa iringi ukuze wenze kube nzima ukukhasa uphumele kuso.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 12 2019/10/20 22:13:44

Umhla: .....

Okunye ngongcoliseko



Uqale ngokukhangela ungcoliseko olusesikolweni sakho. Ukuba khange uyichole inkunkuma ngoko, yichole ngoku. Utitshala wenu uya kuninika iingxowa neeglavu zeplasitikhi ukuze nikhusele izandla zenu.

Yila ipowusta ukhuthaze abantu ukuba bazihlaziye izinto ukuze kuthintelwe ungcoliseko lokusingqongileyo. Sebenzisa iimilo uze uyile umhombiso ojikeleza iphowusta yakho. Xoxa ngezi ntlobo zokuyila iphowusta yakho nomhlobo wakho:

- uthelekiso
- inxalenye
- ugxininiso
- ungqinelwano



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 13 2019/10/20 22:13:46

39 Indlela ababephila ngayo abantu kudala



Masithethe

Izinto esizenzayo nendlela esizenza ngayo ziyaguquka ngokuhamba kwexesha. Jonga le mifanekiso.





Thetha nomhlobo wakho ngezinto eziguqukileyo. Cinga ngeentlobo zemisebenzi ebisenziwa ngabantu abasemfanekisweni wokuqala, apho babesebenza khona neempahla ababezinxiba. Ucinga ukuba babesebenza kude kangakanani namakhaya abo? Ucinga ukuba babesitya ukutya okunjani? Babesiya njani emisebenzini yabo? Jonga umfanekiso ongasekhohlo uze uthethe kwangezo zinto. Ingaba oomatshini ababebasebenzisa batshintsha? Ukuba kunjalo, batshintsha njani?



Masifunde

Abantu bakudala babehlala kufutshane nezinto ezaziyimfuneko, umzekelo ukutya namanzi. Namhlanje nathi sisaswele kwa ezo zinto, kodwa ngenxa yezifundo zobugcisa sinako ukufumana ukutya, amanzi nombane lula kwezo ndawo zifuneka kuzo.





XHO LS Gr3 B2_inside.indd 14 2019/10/20 22:13:50

Umhla: .....

Masifunde

Nalu uluhlu lweziganeko oza kusebenzela phezu kwalo xa ufunda ngendlela ababephila ngayo abantu kudala.



Kwiminyaka ezizigidi ezingama-15 000 eyadlulayo:
Kwenziwa umhlaba



Kwiminyaka enganga-2,5 yezigidi eyadlulayo:
Izidalwa zokuqala ezaqala zafana nabantu



Kwiminyaka engama-100 000 eyadlulayo:
Abantu bokuqala



Kwiminyaka engama-40 000 eyadlulayo:
amaSan

Kwiminyaka engama-2015 eyadlulayo:
Ukuqala kweminyaka eqhelekileyo



Ngowe-1200
Kwabakho iMapungubwe eLimpopo



Ngowe-1652
AbaMhlophe bafika eMzantsi Afrika




Ngowe-1814
Uloliwe wokuqala ohamba ngomphunga



Ngowe-1876
Kwenziwa ifowuni yexesha lempucuko



Ngowe-1879
Kwenziwa izibane zombane



Ngowe-1885
Iimoto zokuqala zale mihla



Ngowe-1895
Kwabakho irediyo yokuqala

Ngowe-1903
Inqwelo-moya yokuqala





Ngowe-1969
Abantu bokuqala ukuya enyangeni



Ngowe-1973
Iselula yokuqala




Ngowe-1975
Ikhompiyutha yokuqala



Ngowe-1994
UNelson Mandela waba ngumongameli wethu

20__ __
Umhla wokuzalwa kwakho



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 15 2019/10/20 22:13:53

40

Abantu bakudala



Masibhale

Bhala amagama kunye nemihla yokuzalwa kwabazali bakho kunye neyootatomkhulu bakho kulo mthi womnombo.

Utitshala wakho uza kukucela ukuba uthethe nabantu abadala bosapho ekhaya, okanye uya kucela abantu abadala eluntwini ukuba bandwendwele iklasi yakho. Yeyiphi imibuzo onqwenela ukubabuza yona malunga nobomi babo?

Igama likatatomkhulu:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Igama likatata:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Igama likatatomkhulu:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Igama likamakhulu:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Igama likamama:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Igama likamakhulu:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Igama lam:
_____
Umhla wokuzalwa:
_____

Buza abazali bakho imibuzo emi-5 malunga nezinyanya zakho. Sebenzisa la magama alandelayo: nini, phi, ntoni, kutheni, njani.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 16 2019/10/20 22:13:56

Umhla: .....

Masifunde

Ukuba utitshala wakho akakwazanga kumema mntu eze eklasini yakho, ningasebenzisa ibali likaMnu Johannes Maart.

Abafundi besikolo sedolophu yaseKaroo eGraaff-Reinet bameme uMnu Johannes Maart ukuba athethe nabo.
Nali ibali lakhe:

Ndazalwa ngomhla wesi-7 kuJulayi 1922 kwifama yaseKaroo ebizwa ngokuba yiGannaslaagte. Ubawo wayengumsebenzi wasezifama ngeli xa umama yena wayesebenza emzini womfama lowo. Sasifumana inyama rhoqo ngoLwesihlanu esasiyipheka ngempelaveki. Sasingenazindlela ziphucukileyo zokuyigcina ibanda.



Ngoko ke sasingabi nanyama phakathi evekini. Kumaxesha ambalwa besiba nayo inyama yokuba sikwazi ukwenza umqwayito, ngakumbi ukuba umfama uye wadubula iqhude okanye inyamakazi.



Amaxesha amaninzi sasisitya umbona ukwimo yomgubo wombona okanye udityaniswe neembotyi ezomisiweyo – oku besikubiza ngokuba ngumngqusho. Utata wayedla ngokufumana umgubo wesonka ongacolekanga owawufumaneka ematyeni eJansenville. Ngomondekazi, umama wayebhaka isonka ngembiza yokubhaka yesiXhosa awayeyibeka phezu kwamalahle kuba sasingenasitovu. Maxa wambi wayedla ngokwenza iirositile endandizithanda kakhulu. Ezi zonkana sasizitya ngencindi yetolofiya. Iilekese zethu yayiba ziziqwenga zentlaka eyayifumaneka kuphela kwimithi yomnga.





Utitshala:
Sayina:
Umhla:

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 17 2019/10/20 22:14:02

41

Ingaba kwakumnandi ukuba ngumntwana ngezo mini?



Masibhale

Qwalasela into nganye esemfanekisweni uze uxele ukuba yeyexesha langoku okanye elidlulileyo na. Bhala "Ngoku" (xa iyeyangoku) okanye "Kudala" (xa iyeyakudala) ngezantsi komfanekiso ngamnye. Emva koko faka umbala kwibhokisi "yeXesha elidlulileyo" yomfanekiso ocinga ukuba ubonisa eyona nto inomdla kakhulu yexesha elidlulileyo. Sebenzisa owona mbala uwuthandayo.














Masenze

Yenza isakhelo somfanekiso.

Inqaku likatitshala:
Zininzi iindlela esinokugcina ngazo izinto ezixabisekileyo zakudala. Enye yazo kukufaka iifoto zakudala kwisakhelo.

Uya kudinga:


- Amaphepha amabini aqinileyo anombala
- Ipeyinti ejiyileyo yamanzi yemibala eyahluka-hlukeneyo
- Izinto ezahluka-hlukeneyo ezihlaziyiweyo zokwenza iipatheni, umzekelo ibhobhile yerhali ephelileyo, isivingco ikhokhi, usiba lwentaka kunye nezivingco ezahluka-hlukeneyo zeebhotile okanye iziciko.



1. Sika isikwere okanye uxande kwikhadibhodi ukuze uyijike ibe yifreyimu yomfanekiso.



2. Peyinta icala elingaphantsi lento ofuna ukuyisebenzisela ipatheni yakho.



3. Hombisa ifreyimu yakho ngokucinezela icala elipeyintiweyo lento yakho kwikhadibhodi.



4. Xa yomile ifreyimu, fakela umfanekiso wosapho lwakho uze unike umakhulu wakho okanye utatomkhulu wakho njengesipho.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 18 2019/10/20 22:14:08

Umhla: .....



Masifunde

UMnu Maart uphinde watyelela isikolo okwesibini. Uqhubile ngebali lakhe.



Asibonanga bantu baninzi. Utata wam nomama babesebenza nzima kakhulu iiyure ezinde. Sasityelela abahlobo bethu abakwezinye iifama kuphela emva kwemini ngeeCawe. Maxa wambi sasisebenzisa inqwelo yeenkabi ukuya apho.

Sasikuthanda kakhulu oku kuba sasifumana ithuba lokudlala nabahlobo bethu. Sasithanda ukudlala ngamathambo, udongwe, imidumba yeembewu zemithi yeminga namatye ngasedamini elikhulu kufuphi nekhaya lethu okanye emlanjeni. Udadewethu nabahlobo bakhe babethanda ukwenza oonodoli bodongwe.



Izihlangu ndizinxibe ndakuba neminyaka eli-12. Utata wandenzela ngofele olusukiweyo lwenkomo. Ndandikuvuyela ukusinda ekubanguleni ameva ezinyaweni zam okanye ukuqaqanjelwa ziinzwane ngenxa yengqele yeqabaka eyayisifumana ngeentsasa zasebusika.



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho malunga nokuba ingaba ucinga ukuba abantwana bebephila kamnandi na kudala.

Ingaba kwakubhetele ngoko ukuba ngumntwana kunale mihla? Xela ukuba kutheni. Cinga ngezixhobo zokusebenza esinazo namhla, ezenza sibe nako ukwenza izinto ngokukhawuleza naphucukileyo.

Phuma phandle

Ziqheliseni oku kulandelayo umntu ngamnye okanye nizizibini.

- Ukuma ngezandla
- Ukuma ngentloko
- Ukuziqengqa uye phambili uphinde uziqengqe ubuye umva.
- Uqikilibhode




XHO LS Gr3 B2_inside.indd 19 2019/10/20 22:14:13

Izixhobo zokusebenza



Masenze

Jonga imifanekiso esekhohlo yezixhobo zokusebenza ezazisetyenziswa kudala. Kwicala elisekunene, zoba uze usike imifanekiso yezixhobo zokusebenza esizisebenzisa kule mihla.






Masithethe



A

Indlu ukususela kwiminyaka engama-300 eyadlulayo



B

Indlu ukususela kwiminyaka engama-200 eyadlulayo



C

Indlu kwiminyaka eli-150 eyadlulayo



D

Indlu yexesha langoku

Zitshintshe njani izindlu ngokuhamba kweminyaka?
Kutheni zitshintshile nje?
Kwakusetyenziswa eziphi izinto zokwakha ezi zindlu?
Zeziphi izinto oza kuzifumana kwindlu engu-D ezazingekho kwindlu engu-A?

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 20 2019/10/20 22:14:19

Umhla: .....





Ufunde ngendlela eziguquke ngayo izindlu nokuphuhla kwazo kwiminyaka ngeminyaka. EMzantsi Afrika ezinye izindlu zihonjiswe kakuhle kakhulu, njengezindlu zabantu abangamaNdebele. Zidume ngemihombiso yazo emibala-bala neyenziwe ngobuchule ezindongeni. Yenza ngathi ungumNdebele kwaye luxanduva lwakho ukuhombisa iindonga zekhaya lakho.

Uya kufuna oku:

- iphepha elinombala
- imvulophu emhlophe
- isikere
- iikhrayoni
- iglu

1. Sika umnyango neefesitile emvulophini yakho njengoko uboniswe kumzekelo.
2. Goba isivalo ukuze wenze uphahla.
3. Ngoku sebenzisa iipatheni ezahlukeneyo, iimilo nemigca nemibala eqaqambileyo ukuhombisa indlu yakho yemvulophu.
4. Cela utitshala wakho akuchazele isizathu sokubaluleka kokusebenzisa iimilo neepatheni zejometri.
5. Ncamathelisa indlu yakho ephepheni elinemibala.
6. Sebenzisa imifanekiso oyifumana kwiimagazini uhombise okungqonge umfanekiso.







- Yenza ngathi usarha iinkuni zokwakha indlu. Tyhala uphinde utsale ngesandla sakho sasekunene, emva koko tshintshela kwesasekhohlo.
- Yima ecaleni komhlobo wakho. Gwegwa ingalo yakho yasekunene kweyakhe yasekhohlo. Wena nomhlobo wakho yenzani ngathi niphakamisa ingxowa yombona enzima ngokukekelela ngasekhohlo. Emva koko kekelelani ngasekunene.
- Yenza ngathi ungumthi. Phakamisa ingalo enye phezu kwentloko yakho. Yenza inqindi wenze ngathi liyintwana yentlaka esexolweni lomthi. Umhlobo wakho makazame ukutsala intlaka emthini logama wena uyibambe endaweni yayo.
- Khwela ibhayisekile: ngqengqa ngomqolo ecaleni elijongene nelomhlobo wakho. Goba amadolo akho uze ubeke iinyawo zakho kwezomhlobo wakho. Nyova ibhayisekile ngemilenze yakho.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 21 2019/10/20 22:14:23

Okunye ngobomi bakudala



Masifunde

Olu lusuku lwesithathu uMnu Maart etyelela isikolo. Ebesaqhuba ngokubalisa:

Sasineziko lesinyithi apho efama. Sasilisebenzisela ukwenza izixhobo zokusebenza okanye ukulungisa ezo zaphukileyo.

Sasisenza nezihlangu zentsimbi zamahashe kunye namavili eenqwelo.


Ndathi xa ndineminyaka eli-10 ubudala, safunyanwa yimbalela saze asabinakutya kwaneleyo. Savuya kakhulu yakuna kwakhona imvula.





Masenze

Yenza ilanteni yakudala.






Uya kufuna oku:

- Iphepha elisikwere elikhulu elimhlophe
- Ipeyinti yamanzi ibe nemibala ngemibala eyahluka-hlukeneyo
- Ibrashi yepeyinti
- Irula, ipenisile, isikere
- Iglu

1. Hombisa iphepha lakho ngeemilo nemibala eyahlukeneyo.
2. Ligobe iphepha phakathi.
3. Krwela imigca eqelelene nge-3 cm ephepheni.
4. Sika ngokulandela imigca, kodwa ungade ufike ekupheleni.
5. Ligobe ngoku lisikekile iphepha livuleke uze uwancamathelise omabini amacala ngeglu.
6. Sebenzisa umcu wephepha uze wenze umqheba ngaphezulu.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 22 2019/10/20 22:14:26

Umhla: .....



Masithethe

Jonga lo mfanekiso ungobomi basefama kwiminyaka engama-200 edlulileyo. Thetha nomhlobo wakho ngezinto ezitsala umdla wakho. Umzekelo, jonga impahla yokunxiba, izixhobo zokusebenza neendlela zothutho. Emva koko xelela utitshala wakho neklasi ngengxoxo yakho nomhlobo wakho.

Masibhale

Tshatisa isixhobo ngasinye sokukhanyisa nomfanekiso ochanekileyo. Kwakhona bhala igama lesixhobo ngasinye sokukhanyisa ngezantsi komfanekiso. Khetha kula magama:

ithotshi	iglowubhu	ikhandlela	isibane

1 

2 

3 

4 









Utitshala:

Sayina:

Umhla:

Ukuhlawulela izinto



Masibhale

Kudala abantu bebezihlawulela ngantoni izinto abazifunayo?
Sebenzisa elinye lala magama ugqibezele ibali lemali elingezantsi.
Sikunike oonobumba ababini kwigama ngalinye ukukuncedisa.

iinkozo zemali	igolide	izikhumba zezilwanyana	imali engamaphepha	ukunanisa
ukuhlawula	icuba	ukutya	isilivere	amaso

Kudala-dala, abantu babengasebenzisi iink_____ nemali engamaphepha ukuhl_____ izinto. Kwezo ntsuku, bebesebenzisa ukun_____ njengendlela yokutshintshiselana ngempahla. Xa abantu benec_____ elininzi, kodwa kunganelanga, ukut_____, bekufuneka bekhangele umntu abanokutshintshiselana naye ngecuba. Izinto ezifana nama_____, ityuwa, izi_____ iinkomo necuba kwakutshintshiselwana ngazo. Emva kwexesha abantu baqala ukusebenzisa amaqhekeza eg_____ nes_____ ukuhlawula impahla. Ethubeni, amaqhekeza ezimbiwa asetyenziselwa ukwenza iink_____. Namhlanje, sisebenzisa im_____ neenk_____ okanye amakhadi okuthenga ngetyala ukuhlawula impahla.








Phuma phandle

- Beka iiringi zokudlala phantsi okanye ukrwele izangqa emhlabeni.
- Xa utitshala wakho esithi tsiba, tsibela ngaphakathi kwesangqa ngeenyawo zombini.
- Xa utitshala esithi tsiba, tsibela ngaphandle kwesangqa ngonyawo olunye.
- Dlalani unochelesi. Sebenzisa itshokhwe ukukrwela izangqa nezikwere emhlabeni.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 24 2019/10/20 22:14:39

Umhla: .....

Masifunde

Le yindlela uMnu Maart aqukumbele ngayo ibali lakhe kutyelelo lwakhe lokugqibela:

Njengokuba ndithathe umhlala-phantsi kwaye ndiphila ubomi obuzolileyo kule dolophu yaseRhafu (Graaff-Reinet), ndihlala ndikhumbula ubomi obabunzima kodwa bumnandi. Ndiyazilibala iintsuku zobunzima.

Izinto ezininzi azisafani nakuqala – kukho umbane ka-Eskom, wonke umntu uneselula. Laa ndlu indala yasefama iphinde yakhiwa ngokutsha ngoku ikhangeleka njengendlu yasedolophini.

Kodwa ziseninzi izinto ezingatshintshanga. Iigusha zisakhangeleka njengoko zazinjalo kwaye zisavakala kwangaloo ndlela kanti ukutshona kwelanga umsebenzi useza nobisi olutsha ekhitshini ukusuka eshedini yokusenga. Udyakalashe nengqawa zisabamba igusha.



Masithethe

Njengeklasi, thethani ngazo zonke izinto ocinga ukuba zitshintshile oko nazalwa. Ngoku thethani ngezinto enicinga ukuba zihlala zinjalo kwiminyaka emininzi.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 25 2019/10/20 22:14:44

Umhlaba xa ujongwe emajukujukwini



Masifunde

Ihlabathi yibhola enkulu okanye yingqukumba esiphila kuyo. Konke okulijikelezileyo sikubiza ngokuba ngamajukujuku, okanye yintungelwano yendalo yonke.

Kukwiminyaka engama-50 edlulileyo kuphela apho sithe sakwazi ukujonga ihlabathi sisemajukujukwini. Jonga ifoto yehlabathi ngasekunene.




Imbonakalo entle yomhlaba, ikhaya lethu, elijonge ephezulu.

Unako ukubona umhlaba, ulwandle namafu. Thetha nomhlobo wakho ngokuthi zeziphi iindawo zefoto ezibonisa umhlaba, izeziphi ezilulwandle izeziphi ezingamafu.



Masenze

Landela umphandle wale mephu ucinezele kwiindawo zomhlaba okwaziyo ukuzibona emfanekisweni. Sebenzisa imibala eyahlukileyo kwiindawo ezahlukeneyo.



Bhala amagama ezi ndawo.



Masifunde

Ihlabathi linomaleko womoya olingqongileyo. Siwubiza ngokuba yi-atmosfera. Uyawubona lo moya efotweni?

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 26 2019/10/20 22:14:48

Umhla: .....

Iiplanethi nezinye ezikwisixokelelwano selanga



Masifunde

Umoya ongqonge ihlabathi ngumaleko olingqongileyo nothatha ibanga elingange-120 km. Ukuba uhamba umgama ongaphezulu kune-120 km ukusuka kumphezulu womhlaba, ukwisithuba sasemajukujukwini esingaphandle. Kulapho sifumana khona abamelwane beplanethi elihlabathi: abamelwane abazezinye iiplanethi neenkwenkwezi.



Masithethe

Emajukujukwini akukho mini – bubusuku kuphela. Thetha nomhlobo wakho malunga nokuba kutheni kunjalo.

Abamelwane abakufuphi kuthi bonke baphakathi kwesixokelelwano esaziwa ngokuba seselanga nezijikelezi zalo.

Ilanga: Liyibhola yeegesi eshushu ngokugqithisileyo. Enzulwini phakathi elangeni kushushu ngokugqithisileyo kangangokuba iigesi "zinyibilika" zidibane. Yile nkqubo "yokunyibilika" esinika ukukhanya, ubushushu namandla emhlabeni. Ilanga likwayinkwenkwezi nalo. Ilanga yinkwenkwezi kwaye isembindini wesi sixokelelwano.

IiPlanethi: Xa kuqukwa nomhlaba, zisi-8 iiplanethi ezikhoyo.

Inyanga: Yibhola ebandayo, efileyo yeliwa nothuli ejikeleza umhlaba. Incinane ngokuphinda-phindwe kane kunomhlaba.

Iinkwenkwezi ezibinzayo (iimithiyo): Ezi zizigaqa zamatye. Xa zifika kwiatmosfera yethu ziba shushu ngokugqithisileyo. Oku kwenza umgca oqaqambileyo onqumleza isibhakabhaka ebusuku. Sizibiza ngokuba "ziinkwenkwezi ezibinzayo". Xa zifika zibethe umphezulu womhlaba sizibiza ngokuba "ziimithiyorayithi" amatye awa esibhakabhakeni.

Iikhomethi: ngamaqhekeza omkhenkce negesi athi ahambe kwii-obhithi ezinkulu kwesi sixokelelwano selanga. Zidla ngokusondela kakhulu elangeni.



Masifunde

Ilanga



IiPlanethi



Inyanga



Iinkwenkwezi ezibinzayo (iimithiyo)



Iikhomethi



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 27 2019/10/20 22:14:51

Iinkwenkwezi



Masibhale

Ihlabathi lethu linabamelwane abaninzi abatsala umdla kwisixokelelwano selanga nezijikelezi zalo. Ufunde okuncinane ngabanye baba bamelwane. Ngabaphi onqwenela ukwazi banzi ngabo? Bhala okukhethayo ngezantsi. Nika izizathu ezibini ngempendulo yakho.

Ndikhetha: _____

Izizathu zam ezibini: _____

_____

_____



Masifunde

Xa sigqitha kwiiplanethi ezincinanana sishiya iLanga nezijikelezi zalo. Ngoku sisenzulwini yasemajukujukwini. Apha sifumana oku: Iinkwenkwezi ziigesi zeebhola ezishushu kakhulu, ezifana nelanga, kodwa zikude kakhulu kuthi. Kukho amawaka-waka ezigidi zeenkwenkwezi – asinakuze sikwazi ukuzibala zonke. Iinkwenkwezi ziyashiyana ngobukhulu – ilanga lethu likhulu liyinkwenkwezi ephakathi ngobukhulu.

Isixokelelwano selanga nezijikelezi zaso sidibene nendawo esemajukujukwini sisibiza ngokuba lihlabathi nendalo iphelele. Ihlabathi nendalo iphelele yiyo yonke into ekhoyo kanti kuncinane kakhulu esikwazi ngayo. Ucinga ukuba zikhona ezinye iindawo ezifana nehlabathi lethu kwindalo iphelele, apho kukho ubomi khona?



Masenze
- Mamela ingoma yaseMzantsi Afrika oza kuyidlalelwa ngutitshala wakho.
- Sebenzisanani neqela lakho nize nicinge umdlalo eningawenza ngale ngoma. Cingani nize nibhale "ingoma edumileyo yomculo werephu" nakugqiba niyicule eklasini.

Masidlale
- Utitshala wakho uza kuyohlula iklasi ibe ngamaqela amabini.
- Dlalani ibhola ekhatywayo.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 28 2019/10/20 22:14:54


Umhla: .....

Iithelesikophu



Masenze

Yenza lo msebenzi ekhaya ukutshona kwelanga xa kungekho mafu esibhakabhakeni. Sebenzisa imephu yeenkwenkwezi uzame ukukhangela izicuku zeenkwenkwezi. Yenza uphawu lokukorekisha (✓) kwimephu yeenkwenkwezi engezantsi ecaleni kwazo zonke iinkwenkwezi okwaziyo ukuzibona




Source: www.skymaps.com



Masifunde

Abantu abafunda ngothungelwano lweenkwenkwezi kuthiwa zizazi-nkwenkwezi. Izazi-nkwenkwezi zisebenzisa iithelesikophu ukuze zibe nako ukufunda ngeenkwenkwezi. Kwiminyaka ezayo kuza kwakhiwa eyona thelesikophu yerediyo yakhe yankulu kufuphi neCarnarvon kwiphondo loMntla-Koloni. Namhlanje sineethelesikophu ezikude emajukujukwini ezinokusibonisa imifanekiso yezinto ezikwiindawo ezikude kakhulu zehlabathi nendalo iphelele esingakwaziyo ukuzibona sisemhlabeni. Umzekelo yithelesikophu ye-Hubble, ethumela imifanekiso emihle evela emajukujukwini. UMzantsi Afrika wakhe ithelesikophu enkulu eyiyeyawo kufuphi neSutherland eMntla-Koloni.



Inyanga njengoko siyibona kwithelesikophu



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 29 2019/10/20 22:14:56

47

Utyelelo emajukujukwini

Masifunde

Aba bantu babengoovulindlela kuhambo lwasemajukujukwini.



UmRashiya, uYuri Gagarin, waba ngumntu wokuqala owajikeleza ihlabathi kwindawo yalo yomjikelo ekhwele isiphekepheke (ngomhla we-12 Epreli 1961).



UNeil Armstrong waseMelika waba ngumntu wokuqala ukuma phezu kwenyanga (ngomhla wama-20 kuJulayi 1969).



UMark Shuttleworth waba ngumntu wokuqala eMzantsi Afrika ukujikeleza umhlaba (Epreli 2002).



UChrista McAuliffe wayengutitshala wokuqala ukuba ngusomajukujuku, kodwa wasweleka kwintlekele yokudubula kwesiphekepheke, iChallenge (28 Janyuwari 1986).

Ubusazi? UMandla Maseko waseSoshanguve eGauteng waba ngumntu omnyama wokuqala ukuntingela emajukujukwini ngeLynx Mark II isiphekepheke ngonyaka wama-2015.



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho malunga neplanethi ongathanda ukuyityelela.

Ubungaya njani kuloo planethi?

Ubuya kuhamba nabani uphathe ntoni?

Ungathanda ukuba phaya ithuba elingakanani?




XHO LS Gr3 B2_inside.indd 30 2019/10/20 22:14:59

Umhla: .....

Iisathelayithi



Masifunde



Ubusazi na ukuba inyanga ijikeleza ihlabathi? Into ejikeleza enye into ibizwa ngokuba yisathelayithi, ngoko ke inyanga yisathelayithi yehlabathi. Indledlana yesathelayithi ibizwa ngokuba yiobhithi. Zininzi iisathelayithi ezenziwe ngabantu esezithunyelwe ngabantu nezijikeleza ihlabathi kwiobhithi.

Isathelayithi yokuqala eyenziwe ngumntu iye emajukujukwini ngonyaka we-1957. Ithelesikophu ye-Hubble yenye yezi sathelayithi. IYunivesithi yaseStellenbosch yenza isathelayithi yokuqala yaseMzantsi Afrika, i-SunSat. Yandululwa ngoFebhuwari ngowe-1999. Zininzi iintlobo ezahluka-hlukeneyo zeesathelayithi. Ezinye zezokuqokelela iinkcukacha ngokuphathelene nasemajukujukwini, kanti ezinye zezemozulu ukuze zibekho ezonxibelelwano ezithumela imifanekiso nolwazi ukusuka kwindawo ethile kumahlabathi akhoyo ukuya kwenye. Isathelayithi enkulu ekhoyo yaziwa ngokuba sisiKhululo sasemaJukujukwini seHlabathi, apho kwenziwa khona iimvavanyo neengqwalasela ezininzi zenzululwazi.




Masithethe

Wena nomhlobo wakho xoxani ngale mibuzo. Emva koko xelelani iklasi ngenikucingileyo.

- Izithuthi ezininzi zineenkqubo zokulanda umkhondo weesathelayithi ukuthintela ukubiwa kwazo ngabantu. Zisebenza njani ezi nkqubo?
- Ucinga ukuba abalimi bafumana eziphi iinkcukacha kwiisathelayithi?
- Ungakwazi ukucinga ngemisebenzi emitsha yeesathelayithi?



Phuma phandle
Utitshala wakho uza kukufundisa indlela yokudlala umdlalo weVolibholi nomdlalo weMpuku neKati



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 31 2019/10/20 22:15:02

48 Iintsuku ezibalulekileyo

Masifunde

Phawula ezi ntsuku kwikhalenda yakho. Fumanisa ukuba le mibhiyozo iza kuba nini kulo nyaka uze ubhale imihla yayo kwizithuba ozinikiweyo.

Inqaku likatitshala
Ezi ntsuku zeenkolo nezinye ezibalulekileyo zifumaneka kwikota yesithathu. Kufuneka usebenzise iiyure ezintathu kule kota ukuze uthethe ngezi ntsuku. Enikwenzayo niyiklasi kwakuxhomekeka kwiinkolo zabantwana beklasi yakho nakumgaqo-nkqubo wesikolo sakho. Iiholide zikawonke-wonke ezimbini kufuneka zihlonitshwe ngabo bonke abemi beloMzantsi Afrika.

21 Julayi: (ukuba ibonakele inyanga efileyo): Ukuqala kwenyanga yeRamadaan – usuku lwenkolo yama-Islam. IRamadaan lixesha lokuzila, lemithandazo eyodwa nokufundwa kweQur'an. Umhla: _____

19 Agasti: (ukuba ibonakele inyanga efileyo): I-Eid-ul-Fitr ngumbhiyozo wenkolo yama-Islam. Ngumbhiyozo wolonwabo kodwa onondiliseko ekupheleni kokuzila ithuba elingangenyanga iRamadaan. Lusuku lokudumisa, kunikwe inkxaso kwabasweleyo, kutyelelwe abahlobo neentsapho. Umhla: _____

NgoJulayi okanye ngoAgasti: I- Raksha Bandhan – umbhiyozo wamaHindu. AmaHindu abhiyozela ubudlelwane phakathi koobhuti nodade. Udade ubopha i-rakhi (umtya ongcwalisiweyo) esihlahleni sikabhuti wakhe ukubonisa uthando lwakhe nemithandazo ngobhuti wakhe, nesithembiso sokumkhusela ngalo lonke ixesha lobomi bakhe. Umhla: _____



NgoAgasti okanye ngoSeptemba: I-Krishna Janmashthami – umbhiyozo wenkolo yamaHindu. Ukuzalwa kukaKrishna Janmashthami kubhiyozelwa ngokuzila. UKrishna usesizikithini senkolo yamaHindu. Ngale mini abantwana bakholisa ukubonisa izicaphulo ezithile ebomini bukaKrishna.
Umhla: _____



NgoSeptemba: I-Pitr Paksha – ngomnye umbhiyozo wenkolo yamaHindu. AmaHindu azukisa izinyanya zawo ("ii-pitrs"), ngakumbi ngokunikela ngokutya.
Umhla: _____



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 32 2019/10/20 22:15:05

Umhla: .....

NgoJulayi okanye ngoAgasti: I-Tisha B'av – Lusuku lwenkolo yamaJuda. AmaJuda azilela ukukhalela ukutshatyalaliswa kwetempile yokuqala neyesibini eJerusalem, nokukhumbula ezinye iintlekele zamaJuda ezenzeka ngolu suku. Olu suku lwaziwa ngokuba "lolona suku lulusizi kwimbali yamaJuda".



Umhla: _____

NgoSeptemba: I-Rosh Hashanah yiNyibidyala okanye unyaka omtsha wamaJuda. Abantu bakhalisa uphondo lwenkunzi yegusha (lubizwa ngokuba yi-shofar) ukubhiyozela le mini. Batya ukutya okufana nama-apile athiwe nkxu ebusini ukubonisa ukuba banethemba lobomi obumnandi kunyaka omtsha. Umhla: _____

NgoSeptemba okanye ngo-Okthobha: I-Yom Kippur iza kwiintsuku ezilishumi emva kwe-Rosh Hashanah. Olu suku lolona suku lungcwele lwamaJuda.



Umhla: _____

9 Agasti: Usuku lwamakhosikazi lwesizwe – iHolide kawonke-wonke. Ngomhla we-9 Agasti 1956 amakhosikazi angama-20 000 aqhankqalaza kwizakhiwo iUnion Building ePitoli echasa ukuphathwa "kwamapasi" ngabantu abantsundu. Indima yamakhosikazi kuluntu lwaseMzantsi Afrika ibhiyozelwa ngolu suku rhoqo ngonyaka.




1–7 Septemba: Iveki yokutyalwa kwemithi yesizwe. Kukhuthazwa abantu ukuba batyale imithi.



8 Septemba: Usuku lokufunda nokubhala lwehlabathi. Olu suku lugxininisa ukubaluleka kokufunda ukufunda.

24 Septemba: Usuku lwenkcubeko namafa – iHolide kaWonke-wonke. Bonke abemi baseMzantsi Afrika banokubhiyozela iinkcubeko zabo kunye nezabanye.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 33 2019/10/20 22:15:09

Izityalo – izinto esizifumana kuzo

Masifunde

Umhlaba uzaliswe zizinto eziphilayo. Kukho izilwanyana, abantu, iigusha neenkomo kunye nezityalo ezifana nombona kunye nemithi yemingcunube nezidalwana zomngundo, ezifana neenkowane.







Izityalo ziba namasebe, amagqabi, iziqu kunye neengcambu. Ziba neentyantyambo, iziqhamo kunye neembewu. Uninzi lwazo lunamagqabi aluhlaza.

Sowufundile malunga nokuba kuvela phi na ukutya. Masikhangele ukuba usakhumbula na.

Masithethe

Kuvela phi ukutya kwethu?

Jonga imifanekisao uthethe nomhlobo wakho ngayo. Kwiphepha elilandelayo kukho uludwe lweentlobo zokutya. Ezimbini kuzo aziveli kwizinto ezisemifanekisweni. Zeziphi ezo zimbini?



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 34 2019/10/20 22:15:18

Umhla: .....



Masifunde

Izityalo zisinika iindidi ezininzi zokutya. Yonke imifuno, iziqhamo kunye namandongomani ivela kwizityalo. Ezi zinto zisigcina sisempilweni kuba zineevithamini, iiminerali, iiprotheni, iikhabhohayidreyithi, iioyile kunye nefayibha. Netshokolethi ivela kwizityalo.



Masibhale

Bhala ileta eya kulo mntu udla ngokukwenzela ukutya. Sebenzisa esi sakhelo. Sebenzisa amagama akolu luhlu:

umgubo wombona isipeke ithanga itapile umnqathe ibhotolo yamandongomani
isonka ikeyiki ilethasi inyama yenkomo iipesika ama-apile iivatala

_____endimthandayo.

Enkosi kakhulu ngoku _____.

Ndiyakuthanda ukutya _____.

Andiyithandi _____ kuba _____

_____.

Ndicela undenzele _____.


Ukutya okuvela kwizityalo kulungile kuba _____.



Masithethe

Jonga le mifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngeemilo ezinokufumaneka kwizityalo..











XHO LS Gr3 B2_inside.indd 35 2019/10/20 22:15:24

50 Izityalo – Ukusuka kwizele ukuya eswekileni

Masifunde

Iswekile yenye yeendidi zokutya okuyimfuneko ukuze sibe sempilweni. Kukho iindidi ngeendidi zeswekile. Iswekile siyifumana kwiziqhamo. Ubisi nalo lunayo iswekile. Umfanekiso obonakala ngasemva ongasezantsi ubonisa amasimi amakhulu eswekile aKwaZulu-Natal.



Masifunde

Ummoba uluncedo.

Izele leswekile sisityalo eside esikhangeleka ngathi yingcongolo. Likhula kwimozulu yetropiki. Izele leswekile lifuna ilanga elininzi nemvula eninzi. Apha eMzantsi Afrika iphondo laKwaZulu-Natal lilo elilungele ukutyala esi sityalo.

Jonga umfanekiso wezele leswekile.



Masenze

1. Jonga imifanekiso yezixhobo zomculo oza kuyiboniswa ngutitshala wakho.
2. Mamela iintlobo ezahlukeneyo zomculo weli loMzantsi Afrika oza kuzidlalelwa ngutitshala wakho. Xoxani ngezi zihloko zilandelayo:
   - Isingqi sezi ngoma
   - Ingaba siyacotha okanye siyakhawuleza?
   - Ingaba lo mculo ukwenza uzive njani?
   - Sesiphi isixhobo somculo osivayo kwezi ngoma?

Phuma phandle

Gqibezela ibala lemiqobo akwakhele lona utitshala wakho.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 36 2019/10/20 22:15:38

Umhla: .....

Qaphela ezi ndawo zilandelayo zesityalo: Isiqu eside esibugolide, amagqabi abhityileyo amade, iindibano-malungu esiqwini,
ihlathi leengcambu emhlabeni.

Izele leswekile kufuneka likhule kangangeenyanga ezili-14 ukuya kwezingama-24 phambi kokuba lilungele ukuvunwa. Iziqu zineswekile – isiraphu enebala elimdaka encangathi – engafani kwaphela neswekile esiyisebenzisa emakhayeni ethu!






Masibhale

Fakela iinombolo kule mifanekiso ilandelelane kakuhle ubonise indlela eyenziwa ngayo iswekile.



Iiteletele zilima umhlaba.




Efektri amazele ayacolwa ze kukhutshwe isiraphu.

Kucocwa iswekile icokiswe ukuze ilungele ukuthengiswa.



Kuvunwa amazele eswekile aze abotshwe abe ziinyanda.

Ukunkcenkceshela ukuze izele leswekile likhule.



Kulinywa izithole zezele leswekile.






Izele lisiwa efektri liyokusilwa.



Amazele eswekile afika efektri.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 37 2019/10/20 22:15:46

51 Umhlaba – usinika ntoni



Masifunde



Kwikota edlulileyo ufunde ngomhlaba. Yile planethi sihlala kuyo. Umhlaba usinika yonke into eyimfuneko ukuze siphile. Umhlaba usinika phantse konke esikufunayo ukuze siphile. Umhlaba ujikelezwe ngumaleko womoya. Lo moya uneoksijini esiyifunayo ukuze siphile.

Umaleko obhityileyo womhlaba esihlala kuwo nesiwubiza ngokuba "luqweqwe," unomhlaba ongaphezulu esiwusebenzisela ukutyala ukutya.

Lo maleko wokuqala womhlaba nawo unelitye eliqine ngathi ziintaba. Kulo maleko sifumana izimbiwa ezifana negolide, iidayimani kunye nepetroliyam kwakunye namalahle.

Sikwafumana neelwandle kulo maleko ubhityileyo welitye. Elwandle sifumana ukutya okufana neentlanzi. Ulwandle lubalulekile kuba iinqanawa ezininzi ezithwala iimpahla nabantu zihamba khona.



Masenze



Sebenzisa olu lwazi lungentla uzobe umfanekiso womhlaba. Sebenzisa nantoni na enokunceda uphuhlise izimvo zakho – ipenisile, iikhrayoni, iipasteli, i-inki kunye nepeyinti. Ungacinga nangokongeza izinto ezifana nephepha, amaqhosha, oonokrwece, amagqabi neentyatyambo ezomileyo. Sebenzisa izinto ongazange wazisebenzisa ngaphambili, okanye sebenzisa izinto onazo ngendlela ongazange wazisebenzisa ngayo ngaphambili.





XHO LS Gr3 B2_inside.indd 38 2019/10/20 22:15:57

Umhla: .....



Masithethe

Nifundile ngokuba kuvela phi na ukutya. Wena nomhlobo wakho fakani uphawu lokukorekisha (✓) kwiintlobo zokutya ezivela ngqo emhlabeni:

ama-apile	
isipeke	
itshizi	
iziqa zenyama	
amaqanda	
isikwashi	
amasi	
umphokoqo	
iiorenji	
iipesika	
iierityisi	



Phuma phandle

- Vuthela amaqamza kwi emele enamanzi.
- Faka ubuso bakho emanzini imizuzwana emithathu uwubambe umphefumlo, ungawavali amehlo neempulo zakho.

Yenza ngathi uyaqubha

- Lala ngesisu ukhabalazise imilenze yakho.
- Yima ngenyawo uze ushukumise iingalo zakho ngokungathi uqubha ngomqolo.
- Ngoku shukumisa iingalo zakho wenze ngathi uqubha ngesifuba.

Krwela umgca osuka kwigama ngalinye uye kumfanekiso walo. Lukuxelela ntoni uluhlu lwakho?



Masibhale

Bhalela umhlaba umhlathi uwubulele ngezinto osinika zona. Bhala esinye isivakalisi uthembise ukuba uya kuncedisa ekuwunonopheleni.

Mhlaba othandekayo

Ndiyabulela ngo _____

_____

_____

_____

Ndithembisa ukukunakekela ngoku _____

_____




Umhlaba – ukusuka kudongwe ukuya kwisitena



Masifunde

Umhlaba uneendidi ezininzi ezahlukeneyo zomhlaba. Udongwe lolunye lwezo ndidi. Iminyaka emininzi abantu babesebenzisa udongwe xa besenza izitena zokwakha.





Masenze

Zoba izinto ezimbini esinokuzakha ngezitena uze ufake inkcazelo emfutshane kumzobo ngamnye.





Masibhale

Phendula le mibuzo.



Kutheni izitena zingenambala ufanayo zonke?

_____

_____

Ingaba izitena zenziwa ngodongwe kuphela?

_____

_____

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 40 2019/10/20 22:16:12


Umhla: .....

Masibhale

Jonga le mifanekiso uze uxelele umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.





Kwembiwa udongwe.



Umatshini usika umxube wodongwe ukuze ube yimicu.

Udongwe luyacolwa luxutywe namanzi.





Kusetyenziswa umatshini owahlukileyo ukusika iibloko.



Iibloko zodongwe ziyomiswa. Iziqwenga ezomileyo zibhakwa eontini enkulu yezitena.

Xa izitena zisusiwe eontini yezitena ziyahlelwa.





Izitena zibekelelwa ezinye phezu kwezinye ukuze zibe ziimfumba kwaye zilungele ukuthengiswa.

Faka iinombolo kwezi zivakalisi ngokulandelelana kwazo ubonise indlela esenza ngayo izitena.

	Xa izitena zisusiwe eontini yezitena ziyahlelwa.
	Udongwe luyacolwa luze luxutywe namanzi.
	Kusetyenziswa umatshini ukusika iibloko.
	Xa kugrunjwa udongwe kusetyenziswa oomatshini abakhulu.
	Izitena zifunjwe zaziimfumba kwaye zilungele ukuthengiswa.
	Iziqwenga zodongwe ezomileyo zibhakwa eontini yezitena.
	Umxube wodongwe usikwa ube ziziqwenga ngoomatshini.
	Iibloko zodongwe ziyomiswa.

Utitshala:

Sayina:

Umhla:

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 41 2019/10/20 22:16:16

Iintlekele nesifanele ukukwenza: izikhukula(1)



Iintlekele

Intlekele yinto eyenzeka ngesiquphe kanti ineziphumo ezixhalabisayo ebantwini nakwindalo. Intlekele inokubangela ukufa kwabantu abaninzi nomonakalo omkhulu.

Iziganeko zeentlekele ezininzi zenziwa zizinto eziyindalo ezifana nomoya nemvula. Umzekelo woku zizikhukula emva kweemvula ezinkulu.

Abantu nabo bangangunobangela weentlekele. Umzekelo, ukuyeka ikhandlela livutha ubusuku bonke kunokubangela umlilo.



Jonga le mifanekiso uze uthethe ngayo kunye nomhlobo wakho.

Thetha ngento oyibona kumfanekiso ngamnye. Xela ukuba loluphi uhlobo lwentlekele oluboniswa ngumfanekiso ngamnye.


Bhala phantsi iingcinga zakho.

Utitshala wakho uza kubhala uluhlu lweempendulo zomntu wonke ebhodini.

Kuludwe lwakho fakela iimpendulo ezahlukileyo kwezakho.







XHO LS Gr3 B2_inside.indd 42 2019/10/20 22:16:18

Umhla: .....



Funda eli nqaku lephephandaba elingentlekele yezikhukula. Qala uzifundele ngokwakho. Emva koko hlala nomhlobo wakho uze ufunde ukhwaze. Tshintshiselanani. Funda umhlathi ube mnye aze umhlobo wakho afunde olandelayo.

Isikhukula sephanyazo sidale intlekele

ESchmidtsburg ngoMgqibelo 14 kuJanyuwari 2011

– Balishumi elinambini abantu ababhubhileyo baza bangamashumi amane anesihlanu abasindiswe besemithini naphezu kwezindlu kwidolophu yoMntla Koloni.

Le ntlekele yenzeke emva kokuba kune izandyondyo zemvula ngoLwesihlanu. Yana ixesha elide kunelo belilindelekile.

Yayisesona sichotho sibi sakhe sakho kule dolophu ukusukela ngowe-1985.

Kubhubhe abantu ababini xa bebezama ukuwela ibhulorho zaze iimoto zabo zemka namanzi. Abezonxunguphalo basemapoliseni, abacimimlilo kunye namajoni banceda abantu abaninzi. Amapolisa asakhangela ukuba ingaba afumaneke onke na amaxhoba. Abantu abaninzi abasedolophini balahlekelwe yinto yonke emakhayeni abo. Izindlu ezikwimimandla esezantsi nezikufuphi emlanjeni bezonakele ngaphezu kwazo zonke ezinye.



Amanye amaxhoba akakhange aziphulaphule izilumkiso ezivela emapoliseni. Abantu abaninzi bashiyeke bengenakutya nazimpahla. Ngoku bahlala kumaholo eecawe okanye bahlala nabahlobo neentsapho zabo.

Kuya kuthatha iinyanga ezintandathu ukulungisa okanye ukwakha yonke into kwakhona. USodolophu ucele bonke abantu ukuba babambisane.




Funda eli nqaku lephephandaba kwakhona. Emva koko phendula le mibuzo.

Yenzeka kweliphi iphondo le ntlekele?

Yaqala nini ukuna imvula?

Ingaba iqhele ukuna kakhulu imvula kule dolophu?


Kutheni abantu abaninzi bengenakutya nje?



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 43 2019/10/20 22:16:21

Umlilo





Umlilo ubakho xa kudibene izinto ezintathu.
Ezi zinto zezi:

- isibaso esinokutsha, esifana nomthi owomileyo
- ubushushu obufana nelangatye elisuka kumcinga wematshisi okanye into yokuntumeka
- igesi esemoyeni ekuthiwa yioksijini

Ezi zinto zintathu kufuneka zibekho zonke ngaxeshanye.
Ubusazi ukuba umlilo awunakuqhubeleka uvutha xa ingekho ioksijini?



Utitshala wakho uza kulayita ikhandlela aze aqubude iglasi engenanto phezu kwalo. Jonga into eyenzekayo.



Kutheni kwenzeke le nto nje?

Bhala isivakalisi sibe sinye encwadini yakho yemisebenzi.

Utitshala wakho uza kumamela zonke iimpendulo aze aqiqibe ukuba zeziphi ezizezona zichanekileyo.



Xoxa nomhlobo wakho nifune iimpendulo zale mibuzo:

Kutheni lifile ilangatye leli khandlela?

Kuza kufuneka ukuba uyazi impendulo yalo mbuzo ukuze ukwazi ukucima umlilo ngenye imini after ukucima umlilo. Kutheni?



Niyiklasi, xoxani ngokuba zeziphi izinto ezikwaziyo ukuvutha. Emva koko xoxani ngokuba zeziphi kwezi zinto eninokuzifumana kumakhaya enu. Kwingxoxo yenu, nifumana myalezo mni malunga nokhuseleko emlilweni?

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 44 2019/10/20 22:16:27

Umhla: .....



Masibhale

Bhala iimpendulo zakho kwizikhewu ezikule theyibhile.



Kutheni umlilo ubalulekile kuthi	
Usinika ntoni umlilo	Indlela yokuwusebenzisa
Ubushushu	Impendulo yakho
Ukukhanya	Impendulo yakho

Nika utitshala wakho incwadi yakho ukuze ajonge iimpendulo zakho.



Masifunde



Iintlekele zemililo zingenza umonakalo omkhulu zidale nokufa okuninzi.

Imililo yamadlelo ilungile maxa wambi kuba yenza ukuba kukhule izityalo ezitsha. Kodwa imililo engalunganga ingatshabalalisa izityalo nezilwanyana. Kwakhona ikhokelela kukhukuliseko lomhlaba nakungcoliseko lomoya.



Kuyinto embi kakhulu ukuba abantu abangenankathalo bangunobangela wemililo eli-9 kweli-10 (ngaphaya kwama-90%).

Kufuneka sonke sifunde indlela yokuthintela iintlekele zemililo nesinokukwenza xa kukho umlilo ombi. Isesichengeni sayiphi ingozi inkwenkwe engasekunene? Yenze ntoni engalunganga?

Masenze
- Sika imifanekiso yabantu kwimagazini.
- Yakha ingqokelela yemifanekiso apho amalungu omzimba abantu eqabelene.




XHO LS Gr3 B2_inside.indd 45 2019/10/20 22:16:30

Umbane

Masifunde

Maxa wambi xa ubamba into eyenziwe ngentsimbi efana nomgubasi wocango, uva isandi esifutshane esibukhali kwaye uziva wothukile kancinci. Oku kwenziwa kukuba umbane uqokelelene emzimbeni wakho ukuze ugqithele kwizinto zentsimbi okanye zemethali xa uzichukumisa.





Ukulenyeza esikubonayo xa kubaneka kukwanjalo. Kubakho umbane kwilifu elithile uze "ugqithiselwe" kwelinye ilifu (umfanekiso ongentla) okanye emhlabeni (umfanekiso ongasekhohlo).

Isithonga osivayo emva kokulenyeza siyafana nesandi esibukhali osiva xa uphatha into yentsimbi kodwa sona siyangxola kunaso. Minyaka le, bangaphaya kwama-30 abantu ababulawa ngumbane eMzantsi Afrika.



Le yimithetho emithathu yokhuseleko xa kukho isiphango.

Ukuba ufunyenwe sisiphango khumbula:



- Musa ukuzimela phantsi komthi okanye ecaleni kocingo olwenziwe ngemethali okanye ngentsimbi.
- Musa ukuzimela emngxunyeni osemhlabeni okanye ulale emhlabeni.
- Ukuba usemlanjeni, edamini okanye echibini lokuqubha, phuma msinyane kangangoko unako!

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 46 2019/10/20 22:16:34

Umhla: .....



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho malunga nomfanekiso.
Xela ukuba kutheni le ndawo inobungozi xa kukho isiphango.



Masenze

Phinda ujonge le mithetho mithathu yokhuseleko kwisiphango. Khetha ube mnye.



Yenza ipowusta exelela abantu ngokhuseleko xa kukho isiphango.
Ipowusta yakho kufuneka:

- ibe namagama
- ivakale ngeendlela ezahlukileyo wakuyibamba
- kube lula ukuyiqonda



Phuma phandle



- Linganisa ngomzimba wakho ukulenyeza kombane. Maxa wambi ulenyeza okomgca ojikojiko ze maxa wambi kube mhlophe kwindawo yonke. Yima ngolo hlobo kangangemizuzwana eli-10.
- Tshintsha ume ngenye indlela "yombane" ume ngolo hlobo imizuzwana engama-20. Yima nomhlobo wakho nijongane,
  aze yena atshintshe ngendlela ecothayo ame ngenye indlela "yombane". Zilinganise zonke ezi ntshukumo ngokungathi usesipilini.
- Zimele uwedwa kwakhona.
- Shukumisa umzimba wakho ngokukhawuleza ngokungathi ungumbane. Ziphinde ezi ntshukmo.



Masithethe

Ngoku yonwabela umdlalo wentenetya uyibethe ngomphambili uphinde uyibethe ngomva ibhola.

Ingaba ungakhuseleka emotweni xa kukho isiphango?
Thetha nomhlobo wakho ngoku.
Ingaba umbane uyakwazi ukubetha kabini endaweni enye?
Xoxani ngale mibuzo eklasini.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 47 2019/10/20 22:16:39

Iziphango nezaqhwithi



Masifunde Funda ibali likaMaisy elingesiphango esibi.

Awona mava mabi

Amafu amnyama amakhulu aqokelelana imini yonke. Utata wamamela iindaba kunomathotholo owayehleli esilumkisa ngesaqhwithi nemvula enkulu. Kwafika amapolisa ezokujonga ukuba sihleli kakuhle na aze asixelela ukuba maze sithini na xa kukho isiphango.

Utata wafaka ithotshi, unomathotholo ophathwayo kunye namaxwebhu akhe kwisingxobo seplasitiki. Umama wapakisha iimpahla zeentsuku ezimbini zomntu ngamnye ebhegini. Umakhulu wafaka iipilisi zakhe kwibhegana encinci asoloko eyigcine esinqeni sakhe. Sazalisa iibhotile zamanzi esinokukwazi ukuziphatha.

UTata ugawule isebe elikhulu lomthi ebelijinga phezu kwendlu yethu. Savala iifesitile saza sancamathisela iteyiphu eglasini yefesitile waza utata wabethelela namaplanga phezu kwazo.

Kwathi ngokuya kusiba mnyama, yaqala yana ngamandla imvula. Kwavuthuza umoyakazi ngamandla.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 48 2019/10/20 22:16:42

Umhla: .....



Kwathi xa kuqala ukuhla amanzi phambi komnyango wangaphambili, abasebenzi bakwamasipala basiphathela iiplasitiki zesanti nezimnyama ukuze sizisebenzise njengeebhatyi zemvula.

Sasisoyika. Uphahla lwaqhaqhazela amanzi avuza indawo yonke. Kumzuzu ngamnye kwakukho isithonga esitsho phezu kwendlu.

Kwabakho isandi sokukrazuka nesithonga esivala iindlebe. Indlu yasekhaya yayimke uphahla!

Safaka ezo plasitiki zimnyama entloko saza sabaleka sayishiya indlu. Kwafuneka siphephe izinto ezaziphaphatheka ecaleni kwethu. Isibhakabhaka sasikhanyiswa ngumbane olenyezayo.

Sabaleka ukuya kwiziko loluntu. Kwakusekuzele ngabanye abantu apho.

Ngentsasa elandelayo sabona umonakalo omkhulu owenziwa seso siphango. Iinkukhu zasekhaya zazingabonakali ndawo nosizana lwenkomo lwalubalekile.


Esi siphango sasiyintlekele kwaye sabangela umonakalo nakwiidolophu ezikufuphi. Sasinethamsanqa ukuba sibe sisaphila.



Masithethe **Makudlalwe iindima zeli bali.**

La magama achaza iindidi ezahlukeneyo zezaqhwithi:

Isivuthuvuthu: umoya onamandla owenza umonakalo omkhulu
Inkanyamba: imimoya ejikeleza indawo ezolileyo
Isaqhwithi: umoya ondlongondlongo okwindawo encinci
Ngowuphi kule mimoya ocinga ukuba wafumana olu sapho?
Lwenza ntoni olu sapho ukuzikhusela phambi kwesiphango?



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 49 2019/10/20 22:16:44

Iinyikima

Masifunde

Inyikima yenzeka xa kuthe kwashukuma ngesiquphe inxalenye yoqweqwe lomhlaba.

Intshukumo yesiquphe ikhokelela kumaza ahamba kolu qweqwe lomhlaba. La maza ashukumisa umhlaba nezinto ezininzi ezikuwo – oku kushukuma yinyikima esiyivayo nesiyibonayo.

Iinyikima zingabangela ukufa kunye nomonzakalo kwakunye nomonakalo omkhulu kwizakhiwo.



Masifunde

Nazi ezinye iinyani ezinika umdla malunga neenyikima. Hlalani nibe ngamaqela ezine. Tshintshisanani ngokufunda nikhwaze.

- Bamalunga ne-10 000 abantu abasweleka kwiinyikima qho ngonyaka.
- Ziinyikima ezisibhozo kwezilishumi ezenzeka ngakuLwandlekazi lwePasifiki.
- Iinyikima ezenzeka ngaphantsi kolwandlekazi zibangela amaza olwandle amakhulu ekuthiwa ziitsunami.
- Iitsunami zihamba zinqumle iilwandlekazi ngesantya esiphezulu. Ezinye zide ziphakame kangangeekhilomitha ezingama-960 ngeyure.
- Ezinye iitsunami ziphakama kangangeemitha ezili-15.
- Eyona tsunami inkulu eyakhe yakho yabakho ngowama-26 Disemba 2004. Le tsunami yachaphazela amazwe ali-11 akufuphi nolwandlekazi lweIndiya.
- Kwabakho enye itsunami embi ngowe-11 Matshi 2011 eJapan.
- Kungathintelwa iziganeko ezininzi zokufa xa abantu bebenokuzilungiselela iintlekele zenyikima. Banokwakha izakhiwo ezijikela ngasemacaleni ngexesha lenyikima, endaweni yokuqhekeka.
- Ngowama-29 Septemba 1969 kwabakho inyikima eyashukumisa eCeres, eTulbagh naseWolseley kwiphondo laseNtshona Koloni.
- Iinyikima ezinamandla kangako azifane zibekho eMzantsi Afrika.
- IThekwini noMgungundlovu kunye neKapa zizixeko zaseMzantsi Afrika ezikhe zibe neenyikima ngamanye amaxesha.
- Ukusukela ngoFebhuwari 2010 ummandla weAugrabies kwiphondo laseMntla Koloni wafumana iqela leenyikima ezincinci.
- Kukho izikhululo ezingama-26 eMzantsi Afrika ezisilumkisa ngeengozi zenyikima.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 50 2019/10/20 22:16:46

Umhla: .....



Masenze

Jonga le mephu uze ufakele iinombolo kwiindawo ezichanekileyo ubonise oku kulandelayo.

1. Ulwandlekazi apho zenzeka khona iinyikima ezininzi.
2. Ummandla apho kwakukho eyona tsunami inkulu ngoDisemba 2004.
3. Ilizwe elahlaselwa yitsunami ngowe-11 Matshi 2011.
4. Isixeko saseNtshona Koloni esikhe sihlaselwe yinyikima maxa wambi.
5. Esinye sezixeko zaKwaZulu-Natal esikhe sihlaselwe yinyikima maxa wambi.
6. Indawo ekwiphondo laseMntla Koloni eneenyikima ezincinci eziliqela.



Ungafakela imibala ngeekhrayoni kwimephu yonke.







XHO LS Gr3 B2_inside.indd 51 2019/10/20 22:16:48

Izilwanyana ezisincedayo

Masithethe

Jonga ezi foto. Xoxani niyiklasi malunga nokuba zisinceda njani na ezi zilwanyana.









Masifunde

Kudala abantu baqala ukusebenzisa izikhumba zezilwanyana njengempahla ukuzikhusela emoyeni nasengqeleni.



Ekuhambeni kwexesha abantu bafumanisa ukuba bangakwazi ukusebenzisa uboya obuvela egusheni nakwezinye izilwanyana ezifana nellamas ukwenza impahla. Ezi mpahla zazikhaphu-khaphu kwaye zifudumele kunezikhumba.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 52 2019/10/20 22:16:52


Umhla: .....

Sisebenzisa izikhumba zezilwanyana ukuze senze iimveliso ezahlukeneyo zothwathwa ezifana neebhegi zamanenekazi, izipaji kunye nezihlangu. Nathi sifumana inyama ezilwanyaneni. Kodwa baninzi abantu abangayityiyo inyama ngenxa yenkolo yabo okanye kuba becinga ukuba oko akulunganga.





Kwiminyaka engamawaka eyadlulayo, zonke izilwanyana zazizezasendle zinoburhalarhume. Kwathi kwiminyaka emininzi kamva izilwanyana ezifana nezinja, iikati, iigusha, amahashe kunye neenkomo zalulama. Namhlanje sinezilwanyana ezihlala emakhaya nasezifama ezisinika izinto ezahlukeneyo.









Zonke izinto ezinolu phawu zenziwe ngewulu.



Emibungwini yesilika sifumana isilika esiyisebenzisela ukwenza amalaphu agude nathambe kakhulu.







XHO LS Gr3 B2_inside.indd 53 2019/10/20 22:16:55

59

Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iinyosi

Masifunde

Iinyosi zenza ubusi namakhambi anyityilikisiweyo kwaye zinceda amafama ngokuvelisa iziqhamo. Iinyosi zihlala njengamaqela abahlali ezindlwini zazo (okanye kwiindlwane). Ezinye iinyosi ziyaphuma ziye kulanda umungu nencindi yeentyatyambo. Zithatha ezi zinto zizise endlwini yazo. Umungu kondliwa ngawo iinyosi ezisakhulayo, ukuze incindi ijikwe ibe bubusi bokondla iinyosi ezindala. Iinyosi zigcina ubusi nomungu kuvimba obizwa ngokuba likhaphela. Ikhaphela lenziwe ngamafutha akhutshwa ziinyosi emizimbeni yazo.











Amafama eenyosi aphakula ubusi obungazi kusetyenziswa ziinyosi njengokutya. Ubusi kukutya okunempilo kakhulu, kanti sikholisa ukubutya ngokubuqaba esonkeni sibutye nangesidudu.



Siphinda sisebenzise amakhambi anyityilikisiweyo ukwenza zonke iintlobo zemveliso, ezifana nezi:

- amakhandlela
- isepha
- iikhrayoni
- ipolishi yefanitshala.
- amafutha emilebe neziqholo zomzimba
- isithinteli-manzi sothwathwa
- ipolishi yeemveliso zothwathwa ezifana nezihlangu

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 54 2019/10/20 22:16:57

Umhla: .....

Iinyosi nazo zibaluleke kakhulu kuthi, kuba zinceda izityalo ezininzi ezityalwa ngabalimi ekwenzeni iimbewu nasekukhuleni kweziqhamo ekuthi kuzo kukhule izityalo ezitsha. Iinyosi zikwenza oku ngokusasaza umungu ukususka kwisityalo esithile ukuya kwesinye logama zithatha umungu nencindi.



Kumalunga nesinye esithathwini ukutya esikutyayo okufumana inzuzo ngokumvumvuzelelwa ziinyosi nezinye izinambuzane. Kodwa kukho iinyosi ezimbalwa ngoku kunakwixesha langaphambili ngenxa yezifo nokusetyenziswa kwemichiza yokutshabalalisa izinambuzane ezonakalisa izityalo. Zilumkele iinyosi. Xa zikuhlaba kuba buhlungu kakhulu.



Masibhale

Ingaba ezi ngxelo ziyinyani okanye aziyonyani? Phawula ibhokisi echanekileyo (✔). Utitshala wakho uza kukunika iimpendulo.

	Yinyani	Asiyonyani
Ukuhlatywa yinyosi akubuhlungwanga.		
Iinyosi ziyawulahla umungu xa zibhabhela ezindlwini zazo.		
Amafama aphangela iinyosi ubusi bazo obukuphela kwabo obukhoyo.		
Iinyosi zobusi zikuqhelile ukuhlala nabantu.		
Ubusi bunetyhefu xa busetyenziswa ekutyeni okushushu.		
Amakhambi obusi angasinceda ukwenza izihlangu zothwathwa zikhazimle.		
Amakhambi anyityilikisiweyo akakwazi ukwenza amanzi angangeni kwizihlangu zothwathwa.		
Ubusi bukrakra.		
Inani leenyosi liyenyuka.		
Iinyosi zisebenzisa ubusi njengokutya kwazo.		



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 55 2019/10/20 22:16:58

Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iinkukhu



Masifunde



Iinkukhu zikwiqela lezilwanyana ekuthiwa yipoltri.

Iinkukhu ziintaka ezibaqhelileyo abantu.

Sifumana amaqanda, inyama kunye neentsiba ezinkukwini.


Ipoltri ibandakanya iinkukhu, iikalakuni namahobe, iinkwali kunye neentaka zamanzi amadada namarhanisi.

EMzantsi Afrika zimalunga nama-950 izigidi zeenkukhu ezifuyelwa amaqanda nenyama minyaka le. Eli nani liphantse libe liphindwe kali-100 kunenani labafundi beBanga lesi-3 eMzantsi Afrika.



Masithethe

Jonga le mifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho ngayo. Zeziphi ezisinika amaqanda atyiwa ngabaninzi bethu?



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 56 2019/10/20 22:17:00

Umhla: .....



Masibhale

Jonga imifanekiso uze wenze isangqa ekutyeni esikufumana ezinkukwini. Emva koko jonga ukutya okushiyekileyo uze uxele ukuba kuvela kweziphi izilwanyana.

















Masenze

Khetha intaka yepoltri onokuyibumba ngentlama yephepha.
Jonga imibala eyahluka-hlukeneyo neemilo zeentsiba zayo.
Kwakhona jonga umzimba wayo namalungu ahluka-hlukeneyo omzimba.
Yenza isigqibo ngento ofuna ukuyigxininisa.



Phuma phandle

- Zolule ngendlela owenza ngayo umqhagi phambi kokuba ukhonye.
- Qhwaba izandla uze ubhakuzise iingalo zakho njengeentlobo ezahluka-hlukileyo zeentaka zepoltri.
- Hamba njengeentlobo ezahluka-hlukeneyo zeentaka zepoltri.
- Xhathisa njengentaka ehamba phezu kocingo.
- Yahlula abafundi ngokwamaqela amabini. Elinye iqela lelookhetshe ukuze elinye libe lelamantshontsho enkuku. Ookhetshe babaleka ngezangqa ezivuleke kakhulu ngokukhawuleza bolule iingalo, bezama ukubamba amantshontsho. Amantshontsho abalekela kunina ukuze akhuseleke. Tshintshiselanani ngeendima.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 57 2019/10/20 22:17:05

Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iinkomo




Masifunde

Luvela phi ubisi lwethu?

Uyazi na ukuba ubisi lufikelela njani emakhayeni ethu?


Masifunde kabanzi ngoku.





Masithethe Jonga le mifanekiso uze uthethe ngayo nomhlobo wakho.

Indlela esilufumana ngayo ubisi



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 58 2019/10/20 22:47:08

Umhla: .....



Masithethe

Asilobisi kuphela esilufumana ezinkomeni. Yintoni enye esiyifumana kuzo?

Yabelana neklasi ngoluhlu lwakho olubhalileyo.





Masenze

Kwisakhelo ngasinye, zoba imveliso eyenziwa ngobisi. Bhala igama lemveliso leyo ngezantsi komfanekiso ngamnye owuzobileyo.





Utitshala:

Sayina:

Umhla:

XHOLS Gr3 B2_inside.indd 59 2019/10/20 22:17:09

Izilwanyana ezisinika ukutya okanye iimpahla: iigusha

Masifunde

Uboya

Ekupheleni kobusika, iigusha azizifuni nganto iidyasi zazo zoboya obuninzi obebuzifudumeza. Ngoko ke eli lixesha elilelona lilungele ukuphungulwa koboya bazo! Oku kubizwa ngokuba kukucheba. Uboya beegusha sibusebenzisa kwiintlobo ezininzi zeempahla ukuze sizifudumeze. Sinako ukunitha iijezi ngewulu, kanti siyakwazi nokuluka iwulu ukuze senze ezinye izinto ezithambileyo ezifudumeleyo.

Uboya begusha bufumaneka ngeentlobo ezahlukeneyo. EMzantsi Afrika, ezona zixhaphakileyo ziiMerino, iiBlinkhaar-ronderib Afrikaner, iiDorper neeDormer. Iifoto ezikweli phepha zikubonisa ukuba zikhangeleka njani.



I-Blinkhaar-ronderib Afrikaner luhlobo lwaseMzantsi Afrika. Ihlala yomelele kwaye isempilweni entle nakwiimeko ezinzima.



Iigusha zeDorper zifunyanwa eMzantsi Afrika kuphela.

Kanti neDormer iluhlobo lwaseMzantsi Afrika. Uboya bayo burhabaxa.





IMerino lolona hlobo luninzi eMzantsi Afrika.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 60 2019/10/20 22:17:11

Umhla: .....

Siyifumana njani iwulu

1. Umlimi nabancedisi bakhe bacheba iigusha ngesandla okanye ngomatshini.



2. Uboya bubekwa etafileni yokuhlela apho buza kuhlelwa khona ngokwekhwaliti nobude babo.



3. Uboya buhlohlwa kumabhali ze buthengiswe.



4. Ngoku uboya buyahlanjwa ukuze bucoceke.



5. Uboya buyahlanjwa kulungiselelwa ukusontwa.



6. Ngexesha lenkqubo yokusontwa, kolulwa uboya ze bulukwe ibe ngumsonto wewulu.



7. Iwulu ngoku ilungele ukulukwa.



8. Okulandelayo, iwulu ifakwa idayi.



9. Iwulu isetyenziselwa ukunitha ijezi.



10. Ijezi iyathengiswa evenkileni.





Masithethe

Thetha nomhlobo wakho. Zeziphi ezinye iindlela ezingaluncedo ngazo iigusha ebantwini?

Phuma phandle
- Utitshala wakho uza kukufundisa indlela yokudlala umdlalo weqakamba wabaselula.

Utitshala:

Sayina:

Umhla:

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 61 2019/10/20 22:17:16

Izilwanyana ezisisebenzelayo: izinja



Izinja ezininzi zizilo-qabane kwaye zihlala nathi emakhaya. Kananjalo zenza imisebenzi ebalulekileyo eliqela. Krwela umgca otshatisa inja nomniniyo.



Izinja ezingoonogada zisinceda ngokusikhusela kwizaphuli-mthetho.







Izinja ezikhokelayo zinceda abantu abaziimfama bafumane indlela.









Izinja ezincedisa ukwalusa iigusha ziqinisekisa ukuba umhlambi uhlala ndawonye.



Izinja zamapolisa zinceda amapolisa ekufumaneni izaphuli-mthetho.



Izinja ezizingelayo zincedisa abazingeli bafumane iintaka okanye izilwanyana abazidubuleyo.

XHO LS Gr3 B2_inside.indd 62 2019/10/20 22:17:23


Umhla: .....




Yenza umfanekiso wesithunzi sowona mhlobo womntu: inja.

Uza kufuna oku:

- amaphepha amabini anemibala eyahlukileyo
- isikere
- ipenisile
- iglu



- Zoba inja enkulu kwelinye iphepha. Qiniseka ukuba ulisebenzisa lonke iphepha.
- Sika ke ngoku inja yakho ngobunono.
- Ncamathelisa inja yakho oyisikileyo kwelinye iphepha.
- Zoba impumlo kunye nomlomo onamazinyo kwinja yakho.
- Hombisa umfanekiso wakho ngendlela othanda ngayo. Khumbula ukuba imibala efana nombala omnyama ohleli phezu ko-orenji, engathi iyaphikisana ngobuhle, yeyona ilungileyo ekwenzeni imifanekiso yesithunzi.



XHO LS Gr3 B2_inside.indd 63 2019/10/20 22:17:26

Izilwanyana ezisisebenzelayo: iidonki



Masifunde



Iidonki zincede abantu kangangeminyaka engama-6000. Zisithwele zaze zasithwalela nemithwalo yethu enzima kuloo miqolo yazo, zasilimela iintsimi zethu zaze zasimpompela amanzi.

Zonke ezi zinto zisenzeka nanamhlanje. Kukho iidonki ezimalunga nezigidi ezingama-41 kwihlabathi liphela. Oku kuthetha ukuba umntwana ngamnye wesikolo eMzantsi Afrika anganeedonki ezintathu.



Masibhale

Jonga imifanekiso uze ubhale isivakalisi ngomfanekiso ngamnye ngendlela esetyenziswa ngayo idonki.









XHO LS Gr3 B2_inside.indd 64 2019/10/20 22:17:28